

# Ufundo Ngeedemoni

## Kwimihlaba Ngokwenyama



Ngoku ndi...?...[Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] Eli lixesha lokuqala endakhe ndalwenza nakowuphi kwimihlangano yam kusukela ndabasentsimini. Eli lixesha elitsha. UMzalwana uBaxter akakho; kwaye—kwaye uMzalwana uBosworth use-Indiya, okanye, e-Afrika; noMzalwana uBaxter, andazi apho akhoyo. Uye ndaweni ithile, kwanabanye baphumile kwaye bamkile. Kwaye uBilly nam silapha sedwa, ke sinexesha nje elimnandi: nje sivuke, sixhele size site. Ke, thina—thina ngahlobo luthile siziva ngathi mhlawumbi sinakho, ngoncedo lweNkosi, singathwala umhlangano uqhubeke, ngokwethu. Eso sisizathu ndivuyayo ukuqhubekela kwawo phambilana, ngenxa yesosizathu sodwa. Ndiyakholwa iNkosi iyakusinceda siwenze. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, niyazi. . .

Ndiyabathanda abaphathi bam. Ndinabathandekayo abazalwana, uBosworth, Baxter, Lindsay, Moore, bonke, ndinabahlanu babo, uBaron Von Blomberg. Angalunge kakhulu amadoda. Kodwa kukho nje into ethile malunga, xa uhlanganisa iqela lamadoda, omnye unento ethile, omnye unenye. Ngelinye ixesha oko kuchasene koko ndikucingayo. Ke ndi—ndi—ndiziva ngathi ndikhululekile ngoku. Singaba nexesha elimnandi, sidophole nje imikhono yethu, sithi zava nje site. Ndinga malunga nokudphola imikhono yenu kwaye nibe ne—nelimnandi ixesha.

IBhayibhile yam yokuqala yayiyindalo. Ndamfunda uThixo ngendalo. Kwaye ndiyathanda ukuloba. Indlela endikuthanda ngayo ukuloba! Kwaye uyakuthanda ukuloba, mfanyana? Ukuba uyakuthanda ukuloba, kwaye uthanda umama wakho, uzakuba yinkwenkwe elungileyo. Kwaye nkqu nokuguquka kwam zange kukususe kum. Ngenye imini ndandiphezulu ezintabeni, ndiphumela ukuya kuloba. Ngoku, oko kokokwenzela la nkwenkwe incinci. Kwaye ndandiloba phezulu phaya ezintabeni. . . Kwaye abanye abantwanana abancinci, kakade, behleli apha. Kwaye ndandiloba intlanzi yasemlanjeni. Kwaye, owu, kühle kakhulu ngexesha lasentlakohlaza. Ndihamba ngokolwahlobo, kwaye kwakukho intlanzi yasemlanjeni kumgxuma nje olandelayo, uyazi, nje ngolwahlobo. Kwaye nje ndidumisa iNkosi nokuba nexesha elimnandi, ukukhwaza. Ngamanye amaxesha, ndihlise intambo yam. Ndiyakholelwa ekukhwazeni. Amen. Ngokuqinisekileyo ndinjalo. Kuba, ndazi nto ithile iye indifumane, ize yenze into ethile kum.

<sup>2</sup> Ke ndandimkile ithutyana ngala ntsasa, kwaye xa ndabuyayo, eyona nto ingaqhelekanga: Kukho amabhere amaninzi elizweni phezulu phaya, eNew Hampshire. Ndinenkampu encinci phezulu phaya, apho ndiloba khona. Ndandinente encinci endala ibekiwe, encinci endala intente yenja endandihlala kuyo. Kwaye ibhere elimyama yeyona nto igezayo ekhoyo. Ke, umama omdala webhere nabancinci abantwana bamabhere bangena, aza enze umbhodamo!

<sup>3</sup> Ngoku, nicinga yintoni endandifanele ndiyenze kwela bhere, intombi encinci phaya ngasemva eneenweele ezibomvu, emva phaya? Kwakufanele ndilileqe, ndandingafanelanga ndenze oko?

<sup>4</sup> Kodwa naku elakwenzayo. Langena, lakrazula intente yam laza lachithacitha yonke into, latya konke ukutya kwam endandinako, kwaye lalonwabile. Kwaye xa ndezayo, lemka. Laza labiza abantwana balo, kwaye omnye umntwana omncinci webhere wabaleka nalo. Laza elinye alabaleka; lahlala nje phaya. Lalindizele ngomva, ngoluhlobo, kwaye lalisenza into ethile. Kwaye ndandingenanto esandleni sam kuphela izembe elidala lesandla. Ndandigawula ngalo izinto ezindala ezantsi phaya. Kulungile, labalekela kudana, owu, ndiyaqikelela kula pali yemfonomfono phaya, laza lahlala phantsi. Lakhwaza eli lincinci lidala ibhere, laza alahoya. Laqhubeka lihleli phaya.

<sup>5</sup> Ndacinga, “Yintoni eyenziwa ngula mfo mncinci?” Ndasondela kancinci. Ndandisoyika ukusondela kakhulu, ndisoyikela ukuba lindikrwempe. Ke—ke nda—ndandingenakho ukubona umthi, kwaye ndisazi ukuba lingakhwela nalo. Ke, ndandingafuni kusondela kufuphi kulo, kuba ndisazi imo yebhere. Ke, ndasondela kancincikane. Kwaye uyazi kwenzeka ntoni?

<sup>6</sup> Ngoku, ndiyazithanda ipan-kuku. Bangaphi kuni makhwenkwe athanda ipan-kuku? Owu, kwedini! Owu, mna . . . Makhwenkwe amadala, nani. Ndiyawabona ephakamisa izandla zawo. Sonke siyazithanda ipan-kuku, kwaye ndizithanda kakhulu, kwaye ndithanda ukugalela ubusi kuzo. Ekubeni ndingumBhaptizi, niyazi, yilonto esigcina sihe tse, niyazi, bubusi, niyazi. Ke, phulaphulani, andizitshizi zona, ndiyazibhaptiza ngenene. Ndibugalela kakhulu apho bumnandi kwaye bunzima khona. Anditshizi nje intwanana encinci apha naphaya. Ndibugalela kakhulu kuzo, ndizenze zigcwale zonke bubusi.

<sup>7</sup> Kuze emva koko, uyazi, ndinebhakethi lobusi phezulu phaya, isiqingatha segaloni lebhakethi lobusi. Kwaye amabhere abuthanda kakhulu ubusi. Ke lomfo mncinci wayengene phaya wasusa isiciko sebhakethi lobusi, kwaye wayehleli phaya ngoluhlobo, neli bhakethi lincinci lobusi phantsi kwengalo yakhe, *ngolu* hlobo. Wafumana . . . Kwaye wayengayazi indlela

yokubutya, njengoko ubuyakwenza, uyazi, ke wayefaka isandlana sakhe esincinci ezantsi ngaphakathi aze asikhothe *ngolwa* hlobo, asikhothe. Waze waguquka ukuze andijonge, kwaye amehlo akhe amadala ayencangathi, isiswana sakhe sasincangathi ngeyona ndlela, bubusi. Wayehleli nje phaya, efaka isandla sakhe ezantsi aze akhothe ubusi, *ngolwa* hlobo, ngamandla njengoko wayenokukhotha.

<sup>8</sup> Owu, bethu, ndacinga malunga nexesha elidala elimnandi lomhlangano kaMoya oyiNgcwele, xa sivule isiciko sebhakethi, sifake isandla sethu ezantsi enkonkxeni size sikhothe. Sihubeke nje, uyazi, nje ukukhotha.

<sup>9</sup> Kwaye uyazi into eyayingaqhelekanga, nakuba kunjalo? Emva kokuba la mfo wayefumane ngokwaneleyo anakho, wawisa ibhakethi wabaleka wemka phaya. Uyazi okwenzekayo? Unina webhere namanye amabhere amancinci aya kukhotha yena, ukuze asuse ubusi.

<sup>10</sup> Ke, kulungile, mhlawumbi umhlangano wethu ubuyakuba yinto engolwahlobo, ndiyathemba, se singaqhubeka sixelela abanye, kwaye uzuko lukaThixo lusiwela phezu kwethu. Kulungile.

<sup>11</sup> Ndiyavuya ukubona nina bantwana abancinci. Ndithanda ukunixelesa into ethile enjeya. Kwaye mhlawumbi ngomso emva kwemini, sinokuba nexesha elaneleyo, kwaye—kwaye singathetha ithutyana elide. Kwaye sizakuthetha kutata nakumama ngoku malunga nokuthile.

<sup>12</sup> Sizakuthetha ngo *Fundo Ngeedemoni*. KwiiNdumiso 103:1 ukuya kwi-3, sifunda lemiqolo. Abaninzi abalungiseleli nabefundisi, okanye abafundi beBhayibhile, bayazazi ngentliziyo.

*Mbonge uYEHOVA, Mphefumlo wam: nento yonke engaphakathi kwam, ilibonge igama lakhe elingcwele.*

*Mbonge uYEHOVA, Mphefumlo wam, ungayibali yonke impatho yakhe entle:*

*Uloxelela bonke ubugwenxa bakho; ulophilisa zonke izifo zakho;*

<sup>13</sup> Ndifuna uqaphele phaya, yayingu “zonke.” “Oxelela zonke izikrefo zenu, Ophelisa zonke izifo zakho.” Ngoku singathobisa iintloko zethu nje ithutyana.

<sup>14</sup> Ngoku, Bawo waseZulwini, siyakubulela Wena ngale mva kwemini, ngokubalapha. Sibulela Wena ngaba bantwana abancinci abahleli apha, bangamadoda angomso, nabafazi, ukuba kukho ingomso, ukuba uYesu ulibazisile. Kwaye ngoku, Bawo, siyathandaza ukuba—ukuba Uyakusisikelela ngoku njengoko sithetha ngoku eLizwini Lakho, namalunga notshaba olukhulu esinalo, uSathana. Siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusenza sibeke umphambili, umanyano olungumatshini

apha, amandla kaThixo, oluyakumelelana naye ngobubusuku nakwesiphi isiqwengana somhlaba wakhe, Nkosi, simbonise ukuba akanalungelo lisemthethweni konke konke, okokuba uKristu wamoyisa endaweni yethu phaya eKalvari, xa Wafayo, Waza wonakalisa amagunya wamohlutha uSathana onke—onke amandla awayenawo. Kwaye, Thixo, siphe ubulumko nokuqonda ngoku, bokwanzi nokuchazela abantu indlela abanokwazi ngayo indlela abanokuphiliswa ngayo neyokoyisa uSathana. EGameni likaYesu sityathandaza. Amen.

<sup>15</sup> Ngoku okwemizuzu embalwa sizakuthetha ngo *Fundo Ngeedemoni*. Nive kakhulu malunga needemoni. Ngoku, ngomso emva kwemini mhlawumbi siyakuba sigqibile. Bendifune iintsuku ezimbini zale veiki, nakanjani, ukuze ndishumayeke koku, nje... okanye ezimbini iintsuku ukwenzela imihlangano yasemva kwemini, ukuze ndithethe koku.

<sup>16</sup> Ngoku, into yokuqala, yintoni idemoni. Uva abantu abaninzi bethetha ngedemoni. Kulungile, ngoku, i “demoni, idemoni,” konke kusuka kwigama elinye, kwaye kwisiNgesi kubizwa “umthuthumbisi.” Umfo othuthumbisayo lidemoni, ongcolileyo. Uthi...Ngoku, iBhayibhile namhlanje yiyo, kuninzi, kubantu abaninzi, yincwadi endala utatomkhulu nomakhulu ababeyifunda, okanye into ethile enjengaleyo. “Akukho kwanto kuyo, yeyabafo abadala, nanjalonjalo.” Kodwa oko akulunganga. Yeyomntu wonke. Kwaye iidemoni ngabathuthumbisi abasithuthumbisayo.

<sup>17</sup> Ngoku, kukho iidemoni eziza emphefumleni womntu, kwaye oko, kukubizo—magama, eyakuba—eyakuba se... ndiyakutsho oko, kananjalo, idemoni eliza emphefumleni yinto ethuthumbisa umphefumlo.

<sup>18</sup> Ngamaxesha amaninzi ubona umntu ophambeneyo. Ngoku, bangaba ngabantu abaguqukileyo, bezaliswe nguMoya oyiNgcwele, kodwa noko bephambene ngokupheleleyo. Yabona? Injalo. Oko akunanto yakwenza nomphefumlo. Ngumthuthumbisi, yabona, into ebathuthumbisayo.

<sup>19</sup> Ngoku, zonke izigulo, kufanele sifumanise kuqala ukuba sonke isigulo sisuka kuMtyholi. UThixo akangomqambi wokugula. Akukho sigulo sisuka kuThixo. UThixo ngamaxesha athile uvumela uSathana abeke isigulo kuwe, njengesabhokhwe ukukubuyisela endlini kaThixo, xa ungathobelanga. Kodwa ukugula, ekuqalekeni kwako, kusuka kuMtyholi. Ungafane ucinge ukuba umntu angakholelwa ukuba uThixo, uBawo wethu waseZulwini, angaba ngumqambi wento enjalo njengokugula nokufa? Kulungile, hayi, Akanguye, zange wanguye, akasokuze abenguye. UThixo uvumela ukufa ngenxa yokungathobeli. UThixo uvumela ukufa. Njengombhali othile wabhalayo wathi, “Konke ukufa okunokukwenza, uThixo wakubophelela

enqwelweni kwaye kusitsalela eBukhoneni bukaThixo, ikholwa.” Kodwa igama *ukufa* lithetha “ukwahlukaniswa.”

<sup>20</sup> Wathi uYesu, “Lowo uwevayo Amazwi Am akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade.” Kwaye Wathi, “Ndiluvuko, uBomi, lowo ukholwayo kuM, nakuba ubefile, wophila, nalowo uphilayo ukholwayo kuM akasayi kufa.” Kwaye sipakishe imizimba womnye ngamnye phezu kwengcwaba lethu elingekho ngcwele. “Kodwa akasayi kufa.”

<sup>21</sup> Ngoku ukuba uyaqwalasela xa Wathetha ngoLazaro, Wathi, “uLazaro ulele.”

<sup>22</sup> Abafundi, amadoda afana nathi, bathi, “Owu, ukuba ulele wenza kakuhle. Wayethetha ngokuphumla,” into ababecinga ngayo.

<sup>23</sup> Kodwa Weza wathetha kubo ngolwimi lwabo. Wathi, “Ufile, oko nikukholelwayo. Kodwa,” wathi, “Ndiyaya ukuyakumvusa, ukuvumsa.” Yabona? Yabona? Xa nani . . .

<sup>24</sup> *Ukufa* kuthetha “ukwahlukaniswa.” Ngoku, ukuba omnye wenu, omnye wosapho lwakho uyafa, okanye into ethile, ufile, ukuguqulwa, abafanga. Bafile kwingqingqo yobuntu. Kodwa bohlukanisiwe kuthi, kodwa baseBukhoneni bukaThixo. Abafanga, abanakufa, akukwazeki kubo ukuba bafe. UYesu wathi, “Lowo uwevayo Amazwi Am akholwe kuLowo oNdithumileyo unoBomi obungunaphakade, abasayi kuya emgwebeni, kodwa bagqithile ekufeni bangena eBomini.” Ke, akanakufa. Nantoni na engenakufa, uNaphakade, ayinakutshabalala. BuBomi obungenakubhanga. Unabo Bona kuba uThixo umnikile Bona. Kwaye hayi–hayi ngebango; ingokwe . . . Ayinambophelelo. UThixo umnikile Bona.

<sup>25</sup> UThixo uyabiza. Akukho mntu unokuza kuThixo ngaphandleni kokuba uThixo ambize. UYesu wathi, “Akukho mntu unokuza kuM ngaphandleni kokuba uBawo waM ambize, amtsale.” Injalo lonto? Ngoko nguThixo kuko konke. Mhlawumbi ngomso emvakwemini siyakufumana intwanana engaphezulu koko, kuba ndifuna ukuzisa lento *yesifo*, kuni, ukuze nikubone oko.

<sup>26</sup> Kwakukho ixesha xa sahlunyiswayo kuyihlo kayihlo-mkhulu. Niyakwazi oko. Ugqirha uyakwazi oko. Kulungile, ninjalo, nani, nina bafundi beBhayibhile. Niyazi ithontsi lobomi laqala kuyihlo kayihlo-mkhulu, laba lithontsi, laza laphuma ngoyihlo-mkhulu, emva koko kuyihlo, emva koko laya kumama wakho nalapho ukhoyo ngoku. Injalo lonto. ISibhalo naso sisifundisa oko. Nasi iSibhalo sakho ukuba uyasifuna. Ndiyakholwa sitsho ukuba uLevi wahlawula isishumi xa wayesisinqeni sika Abraham, owayenguyise kayisemkhulu. Injalo lonto? Ke, yabona, ithontsi laza emva phaya.

<sup>27</sup> Kodwa imiphefumlo yenu yenziwa phambi kokusekwa kwehlabathi, xa uThixo wadala umntu ngokomfanekiselo

Wakhe Yena; umoya womntu; hayi umntu *nje* ngokomfanekiselo Wakhe Yena, kodwa *umntu* ngokomfanekiselo Wakhe Yena. Yabona? Waze emva koko Wabenza indoda nomfazi, phambi kokuba Wakhe wenza umntu eluthulini lomhlaba. Ndingwenela besinethuba ngale mvakwemini, sithathe ixesha lethu sibuyele koko. Masibone indlela uThixo... Ngoku, iphakathi komgca, kodwa, xa ubona, iza ngqo phezulu ngomgca. Yabona? Indlela uThixo, emva ekuqalekeni, into Awayenzayo phaya, nendlela Awehlela ngayo emhlabeni nendlela Awakwenza okuya ngokomfanekiselo Wakhe; emva koko uThixo wajika waza wenziwa umfanekiselo womntu, ukuze ahlangule umntu.

<sup>28</sup> Ngoku, xa uThixo wenza umntu ngokomfanekiselo Wakhe, wayengumntu kamoya. Kwaye ngoko kwakungekho mntu wokuwusebenza umhlaba. Waza Wadala umntu eluthulini lomhlaba. Ngoku, abacwangcisi-zinto, nanjalo njalo, naba bantu abaphanda bafumane amathambo amadala, nanjalo njalo, bakholelwe kwindalo ephuma kwinto ekhula ibe yenye into... Ndikholelwa kuhlobo olululo lwento ekhula ibe yenye into. Umntu ukhule ukusuka kuye, kodwa abasuki bonke kwiseli enye. Hayi, mhlekazi, ngokuba i—intaka yaba yintaka kusukela ekubeni uThixo wayenza intaka, nenkawu yabasoloko iyinkawu, umntu wabasoloko engumntu. Injalo lonto.

<sup>29</sup> Ngoku, ndandithetha nogqirha apha ngethuba eligqithileyo, eLouisville. Wathi, “Kutheni, Mfu. Branham!” Ndandithetha malunga nendlela abemi base-Afrika, indlela abatya ngayo, baqhubeke nje... Owu, ezinye zezimbi kunene izinto awakhe wazibona, indlela abatya ngayo inyama! Bachole nje izinto ezibolileyo, ezineempethu kuzo, bazivuthulule, iimpethu nako konke. Akwenzi mahluko kuye. Yabona? Bathi... Basele nantoni na, akwenzi mahluko ukuba yintoni. Wathi, “Kodwa, Mfu. Branham, bona aba bantu asingobantu.”

Ndathi, “Owu, ewe, ngabo. Ngokuqinisekileyo ngabantu.”

<sup>30</sup> Ndathi, “Eyona nto isondeleyo ebuntwini, kowona mgca wenene, yichimpanzee. Kwaye nizame amawaka amane eminyaka ukufumana ukundumzela kulachimpanzee, ayinakuyenza lonto,” ndathi, “kuba ayinakucinga. Ayinanto yakucinga.” Owu, ungayifundisa izinto ezincinci njengehashe, ngasekunene nasekhohlo, okanye uyinxibise izibuko, okanye itshaye umdiza, okanye izikhwelele ibhayisekile, ikhwele ihashe, okanye into enjeya, kodwa njengasekunene nasekhohlo, ehasheni, okanye enjeni okanye into enjeya.” Ndathi, “Isisilwanyana.”

<sup>31</sup> “Kodwa ndiyeke ndibuyele e-Afrika, kwelona lindlongondlongo uhlanga abanalo, kwaye olo luhlanga lwabathwa.” Kwaye ndathi, “Mhlawumbi uyise kayise kayise kayise kayisemkhulu zange wambona umntu omhlophe okanye kwanto. Kuphela kwento ayaziyo, akazi kwanokuba sesiphi

esokunene nesokhohlo isandla. Kuphela kwento ayaziyo kukutya, kwaye utya oko isandla sakhe anokusifikelelisa kuko, yinyama yomntu, nantoni engenye, akwenzi mahluko kuye, nje ukuze atye. Kodwa mandimnikwe ekwiminyaka emihlanu ubudala, nokwiminyaka elishumi elinesihlanu ubudala uyakube ethetha esisulungekileyo iSingesi kwaye abe nemfundo elungileyo. Kutheni? Unomphefumlo. UThixo umenze umntu, kwaye unelungelo ngokwenene lokuva iVangeli, okuncinci kube kanye, njengoko sinako ukushunyayezwa apha, kuyo yonke iMerika, ebantwini, ngokuphindiweyo ngokuphindiweyo nangokuphindiweyo, nokucenga, nokuthundeza nento yonke. Makayive nje ixesha libe linye, uze umqaphele ekhwaza ebalekela esiguqweni ngokukhawuleza ngenene.” Yabona? Ewe, mhlekazi!

<sup>32</sup> Yilonto intliziyo yam eyiyo, mzalwana, namhlanje, xa ndicinga nge-Afrika, kunye nezo zandla zincinci zimnyama ziphakanyiselwe phezulu, zisithi “Mzalwana Branham, elinye ixesha ngaphezulu malunga noYesu!” Owu, inceba! Kukho into ethile kum eyombayo netshisayo. Nje kamsinya ndifumana imali eyoneleyo, ndiyakuya phaya, nam. Yilonto endiyenzayo ngayo yonke ipeni endiyifumanayo, yonke into, uThixo uyazi, ngaphandle koko ndinokukutya. Kwaye abantu abaninzi bandinika iimpahla. Kwaye oko ndinakho ukuphila ngako, isiqu sam, nje okosondele kakhulu kangangoko ndinako, ndikuphosa kwimali yobumishinari leyo urhulumente ayiqulunqileyo. Andihlawuli nkqu kwanerhafu kuyo. Ukufumana amathathu okanye amane, amahlanu amawaka eedola, kwaye ndinokuwelela khona ngaphaya ndishumayele iVangeli ebantwini endaziyo ukuba ngala mhla kuyakufuneka ndiphendule. Kwaye ndiyakukwazi endiphendulela kona.

<sup>33</sup> Ndandiqhele, xa ndisiya esixekweni, bendiyakubamba umhlangano omkhulu emva xa babenemali eninzi, kwaye benemikhankaso emikhulu namawaka eedola, bendiyakuzinikezela kwiRed Cross nanjalo. Ngoku, ngoku, hayi ukubathwaxa, kodwa ekuhleni ngesitrate ngeyamawawaka amane eedola imoto, kunye namaqhela amakhulu edayimani kuyo, betshaya umdiza omkhulu, kunye namawaka amahlanu eedola ngeveki kwimali abathe abantu abagul-...Hayi, mhlekazi! Hayi, ngenene! Kwaye kwezi, ngokukhawuleza uphuma esixekweni, bathe, “abaqengqeleki abangewe,” kwaye yonke into injeya, nokwenza intlekisa, nokuthobela phantsi inkolo esimele yona. Hayi, mhlekazi!

<sup>34</sup> Ndiyithathela kum, kwaye phambi koThixo njengoMgwebi wam, ndiyibeka emsebenzini weVangeli ngaphesheya, ke ndiyazi ukuba ngawo laMhla ukuba ndiya...xa kufuneka ndinike ingxelo ngobugosa bam, bunikwa ngokukuko. Ilunge ngqo lonto, kuba ndiyaqonda njengoko ndibaphatha abantu ndiphatha

uThixo. Nje isimilo sam kuwe sisimilo sam kuKristu. Kwaye nesimilo sakho kum yinto enye, injalo, kuKristu.

<sup>35</sup> Ngoku, ukubona abantu njalo, nokuba indlela anokuba ngayo umntu, ngoko, enomphefumlo ongenakufa ngoku, ongenakho ukufa, ongenakutshabalala, ongenakwenza nto kuphela ukuba noBomi obungunaphakade, oko kukuzimela geqe kukaThixo, kwintando EyiyeYakhe, akunike yona. Kwaye ngoku, ngoko, ngoku ndi . . .

<sup>36</sup> Mandilungise oku nje kancinci, okanye nditsho into ethile. Umntu othile uyakuhamba athi, “uMzalwana Branham ungumKalvini.” Hayi, andinguye. NdingumKalvini okoko umKalvini eseBhayibhileni. Kodwa xa umKalvini ephuma eBhayibhileni, ngoko ndingum Arminian, yabona. Ndikholelwa kubungcwele kwaye ndikholelwe kubuKalvini, kanaanjalo. Kodwa, zombini, nganye iphuma ngesebe ize iye *ngale* ndlela, nenze iphuma ngesebe iye *ngala* ndlela. Ukuba ibengekukokweNcwadi yabase Efese, ukuyibuyisela iyibeke kwindlela apho uThixo wayenzayo, besiyakuba yingxubevange sonke. Kodwa zombini zinemfundiso, kodwa zifumana imbewu kuyo, nganye, obo bubungcwele namaKalvini, nawo, ama-Arminian. Ngoku, amaKalvini anento enyanisileyo. Ndiyakukholelwa koko, oko yimfundiso yobuKalvini . . .

<sup>37</sup> Ndikholelwa oku. Ukhuseleko, ndikholelwa ukuba iBandla linoKhuseleko lwaNaphakade. Nawuphi umfundi weBhayibhile uyakwazi oko, kuba uThixo seleyitshilo ukuba Liyakubonakala ngaphesheya lingenabala. Injalo lonto? Ngoko, Liyakuba phaya. Ingaba injalo lonto? IBha- . . . IBandla likhuseleke ngoNaphakade. Ngoku, ingaba useBandleni, yinto elandelayo. Ukuba useBandleni, kulungile, ukhuselekile neBandla, kodwa kungcono uhlale eBandleni. Kwaye ungena njani eBandleni? Ngokuxhawula izandla? Hayi. Ukubeka igama lakho encwadini? Hayi, mhlekazi. “NgoMoya omnye sibhaptizelwa Mzimbeni mnye.” Kwaye la Mzimba, uThixo wawugweba eKalvari, wayenguMzimba kaYesu Kristu, kwaye sibhaptizelwe kulaMzimba ngaMoya mnye. SinoKhuseleko lwaNaphakade okoko nje useMzimbeni kaKristu, akukho nanye into enokusahlukanisa, akukho nto inokusichukumisa. Ukuba uyaphuma, uyaziphumela ngokunokwakho. Kodwa nje ngokuqinisekileyo, ukuba useMzimbeni kaKristu, njengokuqinisekileyo uYesu wavukayo ekufeni, uyakuvuka nawe. UThixo sele ekwenzile oko. Yena . . .

<sup>38</sup> Awunakona. Owu, unakho . . . Ndingaba ngumoni emehlweni akho, kodwa ukuba ndikuKristu, uThixo akasiboni, kuba izono zakhe zicamagushela . . . Igazi Lakhe licamagushela izono zam phaya. Yabona? Andinakona. “Lowo uzalwe nguThixo akasenzi isono, kuba akanakona. IMbewu kaThixo ihleli kuye.” Yabona? Yena, uyafuna, ukuba wenza impazamo, ngokuqinisekileyo, uyakuhlambulula ngoko nangoko. Ukuba ungumKristu wenene,



uyakuyenza lonto. Ukuba uyasigcina, ubonakalisa akananto, indawo yokuqala. Injalo lonto. Akananto, indawo yokuqala. Kodwa ukuba ungumKristu wenene. . .

<sup>39</sup> Kanye apha, uhlwayela ukhozo lwengqolowa emhlabeni, luyakusoloko lulukhozo lwengqolowa. Itshungu lingayibhijela, nayo yonke enye into engenye, kodwa liyakuba lukhozo lwengqolowa okoko lumile. Injalo lonto? Kwaye ukuba umntu uzalwe ngokutsha ngoMoya kaThixo, akakho phakathi nangaphandle, nangasemva naphambili, nangaphesheya ehlabathini nangaphandle apha. Hayi, mhlekazi. Hayi, hayi. Akulotshungu ngenye imini nokhozo lwengqolowa ngosuku olulandelayo. UThixo akanako oko entsimini. Ewe, mhlekazi. Ukuba uzalwe ngoMoya kaThixo, ungumKristu kusukela kwelaxesha ude. . . ude umke, emva koko ungo—ungongenakufa, kunye noThixo. Injalo lonto, ukuba useBandleni.

<sup>40</sup> Ngoku, ngoku masithethe malunga necala lokufa. Ngoku, angathini kula meko, koluya hlobo lwemeko, angagula? Ngokuba umzimba wakho awukahlanguleki. Umzimba wakho awuhlangulwanga. Akukhathaliseki nokuba kukangananani, ulunge kangakanani, nokuba ungwele kangakanani, unyulu kangakanani, nokuba ungakanani uMoya oyiNgcwele, kuphela ngumphefumlo wakho. Kwaye umphefumlo wakho awukagqibeleli okwangoku. UneNtsikelelo nje kuphela, isithembiso sikaThixo, osisinyaniso sosindiso lwethu. Kodwa ngoku ukuba asinaso isinyaniso sovuko lwethu, akukho mpiliso iNgcwele, ngoko andisayi kuba nangqiniseko okanye nanto yokubonakalisa kum ukuba kukho uvuko.

<sup>41</sup> Nje ngokuba ukuba uKristu akaphili entliziyweni yam, ukuba kufanele ndiyithathe isuka kuhlobo oluthile lwayo i—into yepsychology emva ngaphaya, kufanele ndikholwe ngolwahlobo, kulungile, ngoko bendi—ndi—ndiyakukrokra ngayo. Kwaye eso sisizathu, ngaphaya e-Afrika, xa besiza, naku kunyuka kusiza iimishinari, zisizisa amawaka abo bemi, kwaye babethwele izithixo ezincinci ezindala zodaka nayo yonke engenye into, kungokuba babesandula kuva icala elivumisayo leBhayibhile. Injalo lonto. Kwaye icawa yam yiBhaptizi, Wisile, Rhabe, nabo bonke abaya ngaphakathi phaya. Kodwa xa bebona amandla kaThixo ekubonakalisweni, oko kuyonelisa, bayazi ngoko ukuba uThixo yayinguThixo.

<sup>42</sup> Kodwa, ngoku, yintoni eyenza okukugula? Ngoku, into yokuqala, ingumoya phambi kokuba ibe sisifo, nje into ekwanye njengokuba wawungumoya phambi kokuba ube ngumntu. Ngoku ndizakuthatha uMzalwana uWillet apha njengomzekelo. Mzalwana uWillet, ndi. . . Kwakukho ixesha xa wena nam sasingezonto. Kwaza ngo okokuqala, uThixo wasinika ubomi. Kwaye masithathe, sithi, ukuba ndihlisa umzimba wakho ngale mvakwemini, wenziwe ngentlanganisela yeeseli, zihlanganisiwe kunye nee atoms. Kwaye ngoku,

ngenye imini zona ziyakutshatyalaliswa, ukuba uYesu ulibazisile. Uyakubuyela emva. Ziyakuba njengendlela ezaziyiyo ekuqalekeni, zibuyele emva emoyeni. Kodwa xa umoya wakho ubuyela, ezo atoms ziyakuhlangana zidibane kwakhona ngalo moya zizise kwakhona omnye uMzalwana uWillett nje ngohlobo lwalowa, kuphela emtsha, xa wayesesekekomeleleni kwakhe.

<sup>43</sup> Xa umntu egqitha malunga namashumi amabini anesihlanu ubudala, ufunama ukushwabana okumbalwa phantsi kwamehlo akhe, neenwele ezithile ezingwebu zingena. Iyakuba njalo, kuba ukufa kusemva kwakho. Kwanye ngelinye lezi ntsuku kuzakuthatha. Nokuba ungubani, kuzakuthatha. Kodwa kancinci...Uyakungena ekuxinekeni apha, aze uThixo akukhuphe kokwakuxineka, uze ungena koku kuxineka *apha*, ukufa kuyakuphantse kukufumane, nangapha, kodwa emva kwethuba kuyakufumana. Kodwa ngoko, yintoni ukufa okunokwenza, kufikelela kwiqondo lokugqibela, kuze emva koko...xa kwenze konke oko kunokwenza...Xa uThixo ekunika obu bomi, kwaye wawukokona komelela kwakho, malunga namashumi amabini anesithathu, xa usiza eluvukweni uyakubuyela nje kanye ngendlela owawuyiyo xa wawunamashumi amabini anesithathu eminyaka ubudala, amashumi amabini anesihlanu, phambi kokuba ukufa kufike. Ukufa kuyakuba nento yonke ekunokwenza. Kuhlala phaya, kodwa uyakuphuma ubuyela kanye ngendlela owawuyiyo.

<sup>44</sup> Ngoku, ukuba nganye yezenu—yezenu iiseli emzimbeni wenu, masiyihlise ngoku, kuza iseli emva kweseli, iseli emva kweseli, uze uzibeke ngokwahlukeneyo apha eqongeni, emva kweseli nganye emzimbeni wakho, uyakuba loluncinci oluncikane ukhozo lobomi apho waqala khona, ayinakubonwa ngamehlo endalo. Kufanele ujonge ngaphantsi kwemida yeeglasi. Ndikhe ndabona ukhozo lobomi ngaphantsi kwesibona khulu. Likhangeleka njengentwanana encinci yomsonto. Kwaye into yokuqala eqalayo esemchachazweni, inje ngeqhinana elincinci. Leyo yiseli yokuqala encinci ihluma phezu kweseli.

<sup>45</sup> Ngoku, ukuba kufanele ndithathe la seli inye incinci leyo wonke kuni asuka kuyo, enye encinci intwanana yeseli, imbewu... Yintoni ukhozo lobomi? Ukhazo lobomi yintwanana encinci, eyona incinci iseli. Kulungile, yintoni emva kokuya? Ngoku, ndikubonise lonke isuntswana lakho, ukuhlela kule incinci iseli, kodwa andikakufumani noko. Ndifumane nje iiseli zakho. Kulungile, ngoko, into elandelayo, iiseli zegazi, neseli zenyama, nokuba zizintoni, zibekwe zonke apha, kodwa andikakufumani noko. Ngoku, ndikolunye ukhozo lobomi ngoku. Kulungile, ndizakuthatha leya incinci iseli ndiyicazulule. Ngoku, uphi apho ukhoyo? Ubomi bakho. Kwaye ubomi benza iseli yokuqala, ntoleyo elukhozo lobomi, emva koko yonke into emva kohlobo lwayo; inja emva kwenja, intaka emva kwentaka, umntu emva komntu. Ukukhula kweeseli, iseli kwiseli, iseli

kwiseli, inyuke ize apho ukhoyo, umntu, ukukhula kweeseli. Ngoku, oko kwamiselwa nguThixo ukuba kube njalo.

<sup>46</sup> Kodwa, ngoku, malunga naphi nomhlaza? Masithethe ngawo ithutyana. Ngoku, uThixo wakunika ubomi bakho. Kwaye uthi, naku ndilapha namhlanje, naku ndilapha, akukho—akukho nto esandleni sam, kodwa kunokubakho umhlaza esandleni sam ngelinye ixesha. Kulungile, ungene njani laa mhlaza phaya? Masibone into oyiyo laa mhlaza, ngoku masiwucazulule, masiye siwucazulule. Ngoku, uyintlanganisela yeeseli, nawo. Ingaba ubuyazi lonto? Iqhubu, umlanga, nayiphi yezo zinto ziiseli. Azinabume. Ezinye zazo ziyawwenwa, ezinye zikhangeleka njengesingcawu, ezinye zikhangeleka... yimicwe exananazileyo, umhlaza obumvu, nje ngokufana nemigca ebomvu exananaze ngaphakathi kwi... Kwaye kukho umhlaza werози evamise ukuba ebeleni lomfazi, inje ngee pan-kuku enye phezu kwenye, zize emva koko zinabe. Kwaye zikhula naphina.

<sup>47</sup> Ngamanye amaxesha amaqhubu ngamahla ndinyuka, *ngale* ndlela, inde, ibuxande, nayo yonke into. Azinabume, ngokuba zisemva komoya wona ongenabume. Kodwa kukukhula kweeseli. Yintlanganisela yeeseli ezo, uthi, kuwe kanye ngoku liqhubu okanye umhlaza, liyakhulisa iiseli, ziyakhula, ziyakhula, ziyakhula. Ziyatya, ziyafunxa ubomi kuwe. Ziyaphila kumjelo wegazi. Umlanga uthatha incidi yemehlo ukhula kanye kuyo, lizigqume ngawo, livale iliso lakho. Ezinye zazo ziyeza zingaze... njengesifo sephepha, esiza kanye nje kwelincinci elincikane ukhozo lobomi. Akukho nto kumlinganiselo walo. Umlinganiselo omnye wenza indlovu, wenza i—ingolwane. Yabona? Akukho nto kumlinganiselo wokhozo lobomi.

<sup>48</sup> Kwaye ezinye zazo zithatha ubume bomzimba, ezinye njalo. Ezinye azizange zibe ziiseli. Ezinye ziba ngumoya, zithuthumbisa umphefumlo. Sizakuzama ukufumana la ndawo, ndiyakuyishiyela imvakwemini yangomso landawo, ukuba ndinakho, apho laa mphefumlo kamoya uvela khona, nendlela esezantsi ngayo *phaya*.

<sup>49</sup> Kwaye ngoku, zihlobo, andikuchazi oku ngokokusuka kuhlobo oluthile lwepsychology. Ndiqubisene needemoni iminyaka, kwaye niyakwazi oko. Ukuba ubuyazile into, emva kwenkozi iphumile ebusuku, into eyenzeka ngamanye amaxesha. Akuyazi. Khumbula, xa usiza kuqubisana nomoya, kufanele wazi othetha malunga nako. Sukuma nje phaya nje uqhubeke, kuba ayizukwenzela nto intle. Kodwa xa idemoni kufanele ikuthobele, iyakuyazi lonto. Ayikhathali ungxola kangakanani, ayikhathali ugalela kangakanani i-oli. Koko kusemva phaya eyakukuhoya, iNyaniso. UYesu watsho kuyo, “Phuma.”

<sup>50</sup> Khumbula, abafundi babekhabalaza bezibhija, bezama ukuyikhupha, nayo yonke into. Bathi, “Kutheni singakwazanga ukuyikhupha?”

Wathi, “Ngenxa, yokungakholwa kwenu.”

<sup>51</sup> Wathi, “Phuma kuye.” Inkwenkwe yawa yaba nesona sathuthwane eyakhe yanaso. Yabona? Yabona? Ziyalazi ingunya.

<sup>52</sup> Jonga kuloo makhwenkwe ezantsi phaya, ezonjubaqa ezabona uPawulos ekhupha iidemoni. Athi, “Singenza into ekwanye,” bonyana bombingeleli othile. Ke behla bathi, “Singakhupha iidemoni.” Izenzo 19. Ehla aya kwindoda eyayinesathuthwane, athi, “Siyakuyalela, ngoYesu. Phuma kuye...” Idemoni yathi, “Ngoku...” “...eGameni likaYesu, lowo ushunayelwa nguPawulos!”

<sup>53</sup> Yathi idemoni, “Ngoku, ndiyamazi uYesu noPawulos ndiyamazi, kodwa ungubani wena?” Niyazi kwenza ntoni. Baxhumela endodeni, bakrazula impahla zabo, aze abanezathuthwana nawo, abaleka aphumela esitratweni.

<sup>54</sup> Idemoni ezikwanye ziyaphila namhlanje, ke kukho abalinganisi abaninzi. Eli libandla, ngobubusuku. Kukho okuninzi ukuthabatheka emhlabeni namhlanje, okubizwa impiliso eNgwele, okufanele kuthuliswe. Yilonto ezisa ihlazo kwinto Eyiyeene. Yilonto ninokubandezeleka okunzima. Kukho into eninzi ebizwa inkolo, namhlanje, efanele ithuliswe. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Asinto kuphela lunqulo lomntu! Yilonto eyenza iBandla lenyasano likaThixo libe nokunjalo ukubandezeleka okunzima nalonto. Kodwa singamaMerika, yabona, yilondlela ekufanele ibe yiyo. UThixo uthe ingqolowa kunye nobobo namakhakakhaka zikhula kunye. Sukuyinyothula. Yiyeke ikhule yomibini, kodwa ngeziqhamo zayo uyakuyazi. Akukho ziqhamo, kutheni, akukho Bomi, akukho nto phaya.

<sup>55</sup> Ngoku, qaphela le seli. Masithi, umzekelo, nje ngexesha elininzi, umhlaza obomvu usoloko ubetha esibelekweni somfazi, ibhinqa liyakhuthuka nanjalo njalo. Ngoku oko, masithathe oko, la mfo ezantsi ngoku, kwiseli yakhe, lo—lo mhlaza. Ngoku umhlaza...

<sup>56</sup> Yonke into kuhlobo lwendalo izekelisa umoya. Ingaba ubukwazi oko? Yonke into kuhlobo lwendalo izekelisa umoya, nakanjani.

<sup>57</sup> Umzekelo, njengoku, xa—xa sizalelwa eMzimbeni kaKristu, kukho izinto ezintathu ezenzekayo ukuzisa uZalo lwethu. Kwaye ezo zizinto ezintathu ezaphuma kubomi bukaKristu xa Wayesifa. Kwaphuma emzimbeni Wakhe, amanzi, iGazi, uMoya. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Injalo.”—Mhl.] Izinto ezintathu, ezo zizinto esigqitha kuzo xa sizalwa ngokutsha: ugwetyelo, ungcwaliseko, ubhaptizo ngoMoya oyiNgwele. Ngoku, oko kungaba sisenzeko esinye. Kodwa kuthatha...

Kodwa ungaba kwimeko egwetyelweyo ngaphandleni kokungcwaliswa. Ungakholelwa kwiNkosi uYesu Kristu ube futhi uthwele ukungcola kwakho kuwe. Kodwa ungaphila ngqo kobungcwalisekileyo nobucocekileyo ubomi obungcwele, kwaye ngaphandle koMoya oyiNgcwele. Yabona, iBhayibhile, uYohane Wokuqala 5:7, wathi, “Bathathu abanobungqina eZulwini, uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele, kwaye... Bawo, iLizwi, noMoya oyiNgcwele,” owayenguNyana, “kwaye aba bathathu banye. Kwaye kukho abathathu abanobungqina emhlabeni, amanzi, iGazi, noMoya, kwaye bavumelana kokunye.” Hayi isinye, kodwa bavumelana kokunye. Akunakakuba noYise ngaphandleni kokuba noNyana; akunakuba noNyana ngaphandle kokuba noMoya oyiNgcwele, kuba aba abanakwahlukaniswa, banye. Ubutriniti bubunye.

<sup>58</sup> Andiyiva jikelele apha, kodwa uva kakhulu ekunqumleni isizwe, enye yezinto ezinkulu kumaqela akaMoya, kukuxutyaniiswa kulanto ilula. Kwaye ndibaqukanise ngeentloko ndabonisa kubo ukuba bakholelwa into enye. NguMtyholi phakathi kwabo, kuphela koko. Ukuba elabandla likhulu lwakaMoya lingaqo... lilahle ezo zincinci, ezindala izithethe lihlangane kwelisikelelekileyo iBandla likaThixo, uXhwilo luyakuza. Kodwa okoko uSathana enokubagcina beqhekekile, injalo. Leyo yindlela yakhe yokuyenza. Kwaye ngokuqinisekileyo bakholelwa into ekwanye.

Omnye uthi, “Kulungile, *oku* koKu.”

<sup>59</sup> Ndathi, “Kulungile, ukuba *oku* koKu, ngoko oKo *koku*.” Ke nako apho ukhoyo. Ke, konke yinto enye. Kodwa nako apho ukhoyo, kokwakuthathu kobutriniti bukaThixo. Ngoku, ngoku, uThixo kubunye Bakhe. UThixo uYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele. Ngoku, asithi, “othixo bethu,” njengamahedeni. Ngu “Thixo wethu.” Yabona? Yintlantlo-ntathu yoBuqu bukaThixo.

<sup>60</sup> Ngoku qaphela, ngoku, uSathana ukubutriniti naye. Kwaye amandla akhe akubutriniti.

<sup>61</sup> Ngoku, kodwa qaphela xa amanzi, iGazi, noMoya kuzisa uZalo olutsha. Ingaba injalo? Ngoku qwalasela. Oko kumele uZalo olutsha. Oko koko kumele uzalo lwendalo phambi koZalo olutsha luze? Xa... Nina bomama, xa umtwana ezalwa, yintoni into yokuqala? Amanzi. Elandelayo, igazi. Elandelayo, yabona, oko kwenza ubomi, yabona, kwenza umntu. Amanzi, igazi, umoya.

<sup>62</sup> Ngoku, umhlaza, masiqubisane ngokulandelayo. Sinamalunga nemizuzu emihlanu eshiyekileyo, ndiyaqikelela. Malunga nemizuzu emihlanu elandelayo, masiqubisane nomhlaza. Yintoni la mfo? Umele ntoni? Ngumphiphi. Umele ixhalanga, litya izinto ezifileyo. Kwaye umhlaza usuka ekukhuthukeni, ngamaxesha amaninzi, apho iseli ithe

yabetheka ize i—yophuke. Kwaye iseli encinci phaya iba yewileyo. Owu, elo ligama elikhulu kumaBhaptizi, alinjalo? Kulungile, kodwa iyawa, la seli. NdingumBhaptizi okholelwa ekuweni.

<sup>63</sup> Umntu othile wathi, ezantsi apha e-Arkansas ndihlangana ngenye imini, wathi, “Mzalwana uBranham,” wathi... Yayinguwakuthi umNazarene. Wayephilisiwe. Wayeneyakhe... Ehamba esiya ngaphaya edolophini, neentonga zakhe zokuhamba emagxeni. Wathi, “Uyazi intoni?” Wathi, “Xa ndaqalisa ukuza apha” wathi, “Nda—ndandicinga wena... ndakuva ushumayela, ndandicinga ungumNazarene.” Wathi, “Ndaza ndabona abantu abaninzi bengabakwaMoya, kwaye othile wandixelela ukuba wawungowakwaMoya. Kwaye ngoku uthi ungumBhaptizi.” Wathi, “Andiyifumani.”

<sup>64</sup> Ndathi, “Owu, kulula oko.” Ndathi, “NdingowakwaMoya umNazarene mBhaptizi.” Ke lonto—lonto injalo. Kulungile. Hayi, sonke sibanye kuKristu uYesu, ngoMoya oyiNgcwele osenza banye. Injalo lonto.

<sup>65</sup> Ngoku, qaphela, le seli incinci iwile apho ikhuthuke khona. Iqala kancinci. Amanye amakhozo amancinci obomi ayaleqisa ukuya kunikezela ngobomi bawo phaya. Kwaye yilonto ububovu buphuma esilondeni. La majoni mancinanane alwelwa ubomi bakho. Ziyabaleka zinyukele phaya zize zi—zi zibetha lathyefu, loo mandla edemoni azama—azama ukuqokelelana phaya, anikezele ngobomi bawo. Yilonto eyenza... Yilonto... Ligquba lamajoni amancinci afileyo, oba bovu obusegazini lakho... obuse—obusezilondeni, anikezela ngobomi bawo ukusindisa ubomi bakho.

<sup>66</sup> Ngoku, yakuba iseli encinci yalile phaya ize le demoni iqalise, iqalisa ukukhula, iqalisa ukuziphindaphinda iiseli. Yakha umzimba kanye njengomntwana wakho eqalisa esibelekweni sakho, kwaye ngendlela owenza ngayo kumama wakho. Iseli phezu kweseli, iseli phezu kweseli, iseli, nangayiphi indlela, naphina; nje, azinabume banto njengabantu, emva kohlobo lwayo. Ingaphandle nje komoya. Ikhula nje nangayiphi indlela, kwaye iyakuqalisa iseli phezu kweseli, iseli phezu kweseli.

<sup>67</sup> Kwaye ngoku, into yokuqala uyazi, uyakuqalisa ukutyhafa ugule. Uya kugqirha kwaye uyakukuxilonga. Mhlawumbi akanakuyifumana. Ukuba ukwazile, mhlawumbi uyakuyisika. Ukuba unako ukuyisika kakuhle, kulungile, uyifumene. Kodwa ukuba akanakuyisika kakuhle, ngoko ukuba isemqaleni okanye ndaweni ithile apho ingenakusikwa khona, intwana encinci yayo iyakuphila. Yabona, ngokuba akufani nokusika isandla sakho sisuke usimilisele, okanye nantoni, okanye usisike... Into endithetha yona, ukuba usika esona siqu, uze ushiye isandla sakho phaya, kutheni, asinakuphila. Kodwa—kodwa,

yabona, oko akanabume bobomi njengokuba unabo. Ngamandla edemoni eshukuma.

<sup>68</sup> Kwaye qaphela ngoku, nizibiza, oogqirha bayibiza, u “mhlaza.” UThixo uyibiza i “demoni.” Jonga namhlanje. Basandula kuyifumana...Livelaphi igama *umhlaza*? Livela kwi...kwigama lesiLatin elisetyenziswa kwindlela yamayeza, lithetha “unonkala,” unonkala ombona ngasenxwemeni, unayo yonke loo milenze. Leyo yindlela e—eyenza ngayo, iyanda, ixananaze. Igama umhlaza ngunonkala. Ingena nje ize iqhubekeke ukufunxa igazi njengoko ihamba, njengengwane okanye into ethile. Kutheni, iqhubu, umlanga, nezinye izifo, zonke nganye kuzo zisuka kukhozo lobomi, kwaye elakhozo lobomi kufanele libe ngumzimba. Kwaye phambi kokuba ibe ngumzimba, kufanele ukuba ibe bubomi. Phambi kokuba idale okanye—ihlume ize yenze ezininzi iiseli, kufanele ukuba ibe bubomi. Ijalo lonto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, uvela phi umhlaza? Ngubani, kuvela phi okuya? Yayingekho kuwe apha ngexesha elagqithayo, kodwa ngoku mhlawumbi ikuwe. Ivela phi? Bobunye ubomi obahlukileyo kobakho ubomi, iphila kuwe. Kwaye iyathuthumbisa, ifunxa ubomi bakho. Seso sizathu uYesu eyibiza i “demoni.”

<sup>69</sup> Babiza isathuthwane namhlanje, bathi, “isathuthwane.” Kutheni, isathuthwane, eBhayibhileni, uYesu wayibiza “idemoni.” Xa umntu weza nenkwenkwe eyawela phantsi, yagubha amagwebu ngomlomo, nayo yoke into, wathi, “Inedemoni, kwaye futhi ngamaxesha amaninzi simlahlela emlilweni, emanzini.”

<sup>70</sup> Ngoku bahombisa igama layo bayibize isathuthwane, kodwa lidemoni. Kwaye uYesu wathi, “Wena demoni, phuma emntwaneni.” Ngokuchanekileyo. Ngoku, isathuthwane ivame sibangelwa yingxaki esezintsweni. Mhlawumbi uyakufika kokuya kungekudala. Yabona? Ibangela isathuthwana, kusuka kutyhefeko lwezintso.

<sup>71</sup> Ngoku, qaphela koku, ngoko la seli ihleli phaya, lidemoni. Yakha ubomi; iyakhula, inwenwa ngokunwenwa. Inomsebenzi omnye wokukwenza, oko, ukuthabatha ubomi bakho. Yilonto uMtyholi ayithumelele kona, ukunqamla imihla yakho ibe mifutshane kunamashumi asixhenxe.

<sup>72</sup> Ngoku, ndiyakhahlela kuni bogqirha. Ewe, mhlekazi. Yonke inzululwazi yamayeza, uThixo abasikelele ngoncedo abathe balwenzela abantu. Oko kulungile. Yintoni obunokuyenza ehlabathini ngaphandle kwayo? Ndibulela uThixo ngenzululwazi yamayeza. Ndibulela uThixo ngenqwelo mafutha yam. Ukuba uThixo ebengavumelanga ubunzululwazi bundenzele inqwelo mafutha, bendiyakuba nexesha elinzima lokuza apha. Ukuba nombane, nokuba nesepha yokuhlamba izandla, nentlama yokuxukuxa amazinyo, ngokuqinisekileyo.

Ndiyambulela Yena ngento yonke, ngokuba zonke izinto ezilungileyo ziphuma kuThixo.

<sup>73</sup> Kodwa mandinixelele, akukho nechaphaza leyeza elakhe laphilisa isigulo. Akukho nomnye ugqirha, ngaphandleni kokuba ngowomgunyathi, kodwa ugqirha wenene uyakuxelela ukuba ababangi ukuba ngabaphilisi. Kanye kuBazalwana bakwaMayo, abaninzi benu...Ndiye ndenziwa udliwano-ndlebe phaya, kabini okanye kathathu. Malunga nezigulane eziphuma phaya, okunganyangekiyo...Nifundile i*Reader's Digest*, inqaku likaNovemba? Bangaphi abafunde inqaku likaNovemba, elanqaku lam phaya, kwi*Reader's Digest*? Yabona? Kwaye babe nam phezulu phaya, udliwano-ndlebe lomntwana ababemncamile. Bathi, "Ibengenakwenzeka." Kodwa uMoya oyiNgcwele wathetha kum wandixelela indlela enokwenziwa ngayo, kwaye yenzeke. Kulungile. Ngoku, bandibizela phezulu phaya. Kwaye kanye ngaphaya komnyango apho uJimmy kunye nabo, uMayo wayeqhele ukuba phaya, kukho uphawo olukhulu oluthe, "Asibangi ukuba singabaphilisi. Sibanga kuphela ukuba sancedisa indalo. Mnye uMphilisi, lowo nguThixo." Bangababona bangcono ehlabathini. Ngoku, sinabayimigunyathi abambalwa, ewe. Injalo lonto. Sinabashumayeli abayimigunyathi, kananjalo. Kunjalo. Ke, oko kuqhubeka macala.

<sup>74</sup> Qaphela, nawuphi umntu obanga ukuba ungumphilisi, ngumbalisi bali, kuba akanakuyenza lonto. Kuba iBhayibhile ithe, "NdiyiNkosi Exolela zonke izono zenu nophilisa zonke izifo zenu."

<sup>75</sup> Ndiye ndaya ekufundeni. Kwaye egumbini lam, i... abanye bogqirha abangcono ukunqumleza izizwe bazile. Akuwazi umva wobomi, sihlobo, ukwazi okwakukuko, nezinto endingazichaziyo esidlangalaleni. Abantu bayeza bucala. Kwaye akucingi ukuba akunakubakho abaninzi booNikodimo ehlabathini; ngenene kunjalo, amawaka abo. Bajonga kokuya baze beze emhlanganweni. Bahlale phaya benxibe ihentshana, into ethile efana naleya, namagama ahonjisiweyo oyakothuka, bahlale kanye emhlanganweni. Kwiintsuku ezimbalwa bachwechwe baze batsale umnxeba emfihlakalweni, baze bathumele omnye umntu ukuba aze kudliwano-ndlebe. Aze athi kanye ngoku, athi, "Mzalwana Branham, ndiyakholelwa ukuba Oko yiNyaniso." Bangabantu kanye ngokufanayo uninjalo. Ngokuqinisekileyo. Kwaye wonke umntu unqwenela ukujonga ngaphaya kwalamkhusane ulithunzi ngaphaya apho kufanele aye khona ngenye imini.

<sup>76</sup> Kodwa yona imihlaza nezi zinto ngokuqinisekileyo zibunjwe ziidemoni kumzimba wenyama, ukunyuka, zithabathe ubomi bakho.



<sup>77</sup> Ngoku, ukuba ndinokwenza njengogqirha, ukuba ndingayisika, ndiyibeka phantsi... Okanye, ngokufanayo, ndithi, umzekelo, wawungumhlaza, wena, kulo mhlaba. Ngoku, nantsi impiliso eNgewe. Ukuba bendifuna ukukususa ngendlela kagqirha, bendiyaku... ndikuhle umzimba wakho, okanye into engenye, de yonke inyamalale emhlabeni. Bekungayi kubakho nenye yawo, nje ngokufana nogqirha osusa iqhubu. Kodwa kwindlela yempiliso eNgewe, ukuba wawungumhlaza, bendiyakubiza nje ubomi bakho buphume kuwe, kwaye ubuya kuqhubeka. Ubomi bakho bebuya kukushiya, kodwa umzimba wakho ubuya kuba lapha nje ngohlobo olunye njengoko wawunjalo.

<sup>78</sup> Ngoku, kulapho ukubona nexesha zizezona ntshaba zikaThixo kwimpiliso eNgewe. Andazi nokuba uMzalwana uBaxter khe wanakho ukufikelela kwezi zinto emhlanganweni. Ndihlale phantsi, ndamchazela ngazo noMzalwana uBosworth, ngokuphindeneyo. Kodwa naku okwenzekileyo. Ndiyathandabuza nokokuba abaninzi babantu bayayifumana, ngokuba, emva kwethuba, uqalisa ukufumana abantu bebuyela, besithi, “Bendifumene impiliso yam, Mzalwana uBranham, okwentsuku ezimbini okanye ezintathu, kodwa, makasikelelwe uThixo, i—indishiyile.” Kwaye ndifumanisile, kwaye ndiyacinga kungokuba abawenzi kakuhle umhlangano. Abantu abaqondi. Ndibenabantu abaza eqongeni babe bezimfama ngokupheleleyo, imihlaza, okanye umlanga emehlweni abo, baza bafunde leBhayibhile emva okokuba bethandazelwe, bahambe behle; kwezintathu okanye ezine iintsuku babe zimfama njengoko bezenjalo kuqala. Kwenzeke ntoni? Nabani uyazi xa ubomi buphumile bemka nakweyiphi inyama, iyashwabana ithutyana. Ingaba injalo lonto?

<sup>79</sup> Ingaba ukhona umntu, apha, owakhe wabulala ixhama, okanye inkomo, okanye nantoni efana naleya? Ngokuqinisekileyo. Kulungile. Yilinganise ngobubusuku, nina bazingeli khona apha, izihlobo zam. Ubulala ixhama ulibeke esikalini, uxelele amakhwenkwe libunzima bungakanani. Qaphela! Ekuseni liyakuba bubunzima obuphunguleke kakhulu kunokuba belinjalo. Xa umntu esifa, umgcwabi, into yokuqala, ukhupha amazinyo omgunyathi okanye iliso, nantoni ephaya, uyayikhupha; ngokuba, iyashwabana, iyakutyhala ngokuba umzimba uyashwabana. Yonke inyama engenye iyashwabana. Xa ubomi buphumele ngaphandle kweseli, uyaqalisa ukuhla, ushwabane. Iyakwenza lonto malunga namashumi asixhenxe anesibini eeyure. Emva koko iyaqalisa ukukhukhumala. Yekainja encinci itshayiswe, phandle apha endleleni. Yiyeke ilale phaya elangeni malunga neentsuku ezintathu, uze uqwalasele okwenzekayo. Iba yenkuluinja kunokuba yakhe yanjalo. Iyakhukhumala. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>80</sup> Kulungile, leyo yinto enye eyenzekayo xa i—idemoni likhutshiwe kumntu ogulayo. Iintsuku zokuqala ezimbalwa, “Owu, ndiziva mnandi.” Emva koko aqalise ukuthi, “Ndi—ndigula kakhulu kunokuba ndi—kunokuba ndandinjalo. Ndiphulukene nempiliso yam.” Nje ngokuqinisekileyo ukholo luyikhuphile, ukungakholwa kuyayibuyisela. Njengoko ukholo luyibulala, ukungakholwa kuyayivuselela. Wathi uYesu, “Xa umoya ongcolileyo uphumile emntwini, uya kwiindawo ezomileyo uze ubuye nezinye iidemoni ezisixhenxe.” Kwaye ukuba indoda elungeliyo yendlu ayimanga phaya ukukhusela elasango, ayakungena ngaphakathi. Kwaye indoda elungileyo yendlu yakho lukholo lwakho. Ithi, “Mka!” Nantso ke.

<sup>81</sup> Kodwa ngoku qaphela isigulane esiphlisiweyo, esiqhelekileyo, ngaphandleni kokuba ngomangalisayo ummangaliso. Ntoleyo, impiliso eNgcwele nommgaliso zizinto ezimbini ezahlukeneyo. Impiliso eNgcwele, into enye; ummangaliso yenye into. Kodwa ukuqhubeka okuqhelekileyo kwempiliso eNgcwele, xa umoya ongcolileyo ukhutshiweyo, idemoni lomhlaza, xa uphuma emntwini, “Owu!” Ngoku, okanye uthi siyakuthatha into ethile ukuze ubenakho ukubona ngakumbi, bendiya kuthi, umlanga. Yintoni eyenzekayo xa lamntu... Ukuba uyakuqaphela umntu oyimfama. Andazi nokuba ndakha ndanaye apha okanye hayi, noko, amehlo anomlanga. Ndiyakubenza bame imizuzu embalwa. Kutheni? Ke okwakushwabana kuyaqilisa ukwenzeka. Baxelele ukuba babuye, banike ubungqina. “Owu, bethu!” Babona ngokumangalisayo. “Owu, bethu! Nje, ndinakho ukubona izinto! Ewe! Ndi...” Yintoni ingxaki? Ubomi bumkile; umzimba womlanga uyashwabana. Kulungile, uyakwenza lonto ithutyana leentsuku. Athi, “Owu, ndibangcono.”

<sup>82</sup> Kwaye emva kwethuba, bayaqalisa ukuba nentloko ebuhlungu, bangaziva mnandi. Bavuke kusuku olulandelayo, “Ndiphulakana nokubona kwam.”

<sup>83</sup> Abanye babo bathi, “Uh-huh, uthabathekile. Ela ngquba labaqengqeleki abangcwele bathabathekile.” Sukuyikholelwa lonto! Bubuxoki bukaMtyholi. Ukuba ukholelwa lonto, uyakubuyela ebumfameni kwakhona.

Kodwa ukuba ubambeleva nje okoko, uthi, “Hayi. Nkosi, ndiyakholwa.”

<sup>84</sup> Emva koko kwenzeka ntoni? La mzimba uyakhukhumala ixesha elidana. Ligquma okwakubona kwakhona. La mhlaza emzimbeni uyakhukhumala. Uyakuva ubuhlungu uqaqanjelwe kwakhona. Emva koko ugula kakubi, ugule kakubi. Kutheni? Okwakudumba kukhulu kwenyama efileyo kuwe kulele phaya, kufile.

<sup>85</sup> Ubuyela emva, ugqirha aze athi, “Owu, obo bubuvuvu. Nanko umhlaza kanye phaya. Ndiyawubona.” Ngokuqinisekileyo, kukhona, kodwa kufile. Haleluya!

<sup>86</sup> Ngoku, umjelo wegazi kufanele ucoce umzimba. Lonke ixesha intliziyo impompa, ikhuphela igazi emzimbeni wonke, kwaye ichola esasigulo. Ngokuqinisekileyo, iyakukwenza ugule. Bekuyakuthini ukuba unesixa senyama sijinga kuwe ndaweni ithile, okanye ende njengenyoka, okanye into enkulu apho njengomnwe wakho, kwaye ijinga phaya, kwaye ifile, laa nyama ininzi ifileyo ijinga kuwe, kwaye ibolile? Kulungile, kakade, umjelo wakho wegazi kufanele ugcine okuya kucocekile, njengoko limpompa. Kodwa kukho umzimba ofileyo, into ejinga phaya, ngokuba ubomi bumkile kuyo. Amandla kaThixo, ngokholo, kuyikhuphile. Lidemoni; kufanele imke.

<sup>87</sup> Kodwa, isizathu, abantu abayalelwa. Bayemka, banikezele. Kwaye ela demoni linye limile phaya, ukungena kwakhona. Xa uThixo ekuxelela nantoni kweliqonga, ngoMoya Wakhe, xa kuphantsi kwentambiso, sukuyithandabuza lonto, okanye okubi kakhulu kuyakukwehlela, Watsho. Kuba uYesu wathi, “Imeko yalamntu yokugqibela yayiphindwe kasixhenxe ukubambi kunokuba yayinjalo kwityeli lokuqala.” Ingaba injalo lonto? Xa umoya ongolileyo uphumile emntwini, uhamba uye kwiindawo ezomileyo, ubuye nezinye iidemoni ezisixhenxe. Ke, sukungakholwa. Hlala naYo. Qiniseka, entliziyyweni yakho. Uthi, “Hayi, mhlekazi! Andisayi kugungqiswa! Akukhathaliseki nokuba ndigula kangakanani, oko akunanto yakwenza nayo.” Ngoku, into yokuqala oyaziyo, uyakukhululeka. Yonke into iyakulunga emva koko. Yabona, ifile. U—utyando athe ugqirha walwenza kuwe, olwadumbo lulele kuwe, lungenabomi kulo.

<sup>88</sup> Uthi, “Ubomi kuyo, Mzalwana uBranham, ingaba buyakundibulala?” Hayi, mhlekazi. Oba bomi bubomi obahlukileyo kobakho. Ndisandula kukubonisa ukuba ububomi waze waba sisiqu, kwaye bubomi buze bube sisiqu; kwaye ungokaThixo, kwaye bobukaMtyholi. Uyabona endibhekisele kuko? Ufundo ngeedemoni. Ngoku, kufanele ubone ukuba lonto ikhangeleka njani xa umi ujonge kuyo.

<sup>89</sup> Owu, bethu, ndiyaxolisa, kuphantse kube malunga necala emva kweyesithathu. Ndiyaxolisa. Khangelani, zihlobo. Owu, yintoni eli hlabathi liyidingayo!

<sup>90</sup> Ndibe malunga neminyaka esixhenxe, ndifundisa iMelika yonke, ndinale mihlangano yempiliso. Ndibe nengcamango elungileyo yokuqalisa emva kwisizwe sonke, ndifundisa iBhayibhile, kwaye nakufundo ngeedemoni, indlela abantu abanokuqonda ngayo into amabayenze. Kwaye eso sisizathu, abaya kule mihlangano, amaxesha amaninzi, kwaye, bafo... Ukuba akuqondi, abantu bayaphuma, kwaye amaxesha amaninzi...

Ngoku, khumbula ukuba la mfo ozayo athi unesipho sempiliso eNgcwele? Isipho sempiliso eNgcwele saye sikuwe ukuba waye waphiliswa. Nguwe, wena. Nasiphi isipho senzeka ngokholo. Kwaye akukhathaliseki nokuba singakanani isipho sempiliso eNgcwele endinaso, ndiyasikholelwa ngentliziyo yam yonke, kodwa ungema apha, ukuba akunakholo olunye olufanayo, oko akuyikukwenzela nto. Ndingakuthandazela, iyure neeveki neenyanga. Asingomshumayeli onempiliso eNgcwele. Nguwe onesipho sempiliso eNgcwele, okholelwa ekuphilisweni, kuba kungokholo. Ngokholo! Sonke isenzo sikaThixo singokokholo.

<sup>91</sup> Sonke isikrweqe sikaThixo singokholo. Asinayo nenye into kwelihlabathi. Yonke into ye—yebandla lobuKristu sisenzo sokholo. Jonga isikrweqe sikaThixo, uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kande umsindo, ububele, ubulali, ukuthobeka, ukunyamezela. Ingaba kunjalo? Yonke into ingaphezu kwendalo, akukhonto ingokwendalo. Ke asijongi kwizinto ngokwendalo, ngokuba sisebenza ngokungaphezu kwendalo. Kwaye indlela ekuphela kwayo esinokusekela kuyo, lukholo, kukoko uThixo akutshiloyo kuyiNyaniso, kwaye sijonga koKungabonwayo. Kwaye sibiza ezo zinto zingekhoyo, njengezikhoyo; njengo Abraham wenzayo, waza wakufumana. Amen! U-Abraham wabiza ezo zinto ezazingekho, njengoko uThixo wenzayo, njengezikhoyo. Ekubeni eminyaka ilikhulu ubudala, zange wathandabuza kwisithembiso sikaThixo ngokungakholwa.

<sup>92</sup> Ndingafane ndicinge oko, akunakwenza njalo? Ndibona uSara evuka ngenye intsasa. UThixo wathi, “Abraham!” Wathi, “Abraham, uzakuba nomntwana.”

<sup>93</sup> USarah wavuka. Wathi, “Uziva njani, Sarah?” Lena yintlango exubeneyo, kodwa phulaphula.

“Akukho mahluko.”

<sup>94</sup> “Kulungile, uzuko kuThixo, sizakubanayo! Hamba uyekufuna inapkini nezipeliti, nayo yonke into. Zilungiselele.”

Kulungile, enye inyanga yegqitha. “Sarah, uziva njani?”

“Akukho mahluko.”

Unyaka wagqitha. “Sarah, malunga nantoni nayo?”

“Akukho mahluko.”

Ishumi leminyaka legqitha. “Akhukho mahluko.”

Amashumi amabini anesihlanu eminyaka agqitha. “Akukho mahluko.”

<sup>95</sup> U-Abraham, endaweni yokutyhafa, womelela ngokomelela. Wayeyazi ukuba izakuba yengaphezulu imimangaliso lonke ixesha, kuba wakholelwa uThixo, kwaye zange athandabuze kwisithembiso sikaThixo ngokungakholwa. Wathi, “Sizakuba naye!” Kwaye ngenye intsasa isibeleko sikaSarah saqalisa

ukukhukhumala, waza u-Isake omncinci wazalwa, ngokuba u-Abraham wamkholelwa uThixo. Kwaye wajonga kwizinto, wazibalela ezo zinto ezazingekho njengokungathi zikhona.

<sup>96</sup> Hayi ngemvakalelo, hayi ngokubona. Akuhambi ngeemvakalelo okanye ngokubona. Kungokokholo. Kwaye xa uThixo ebabaze nantoni, wathi, “Nantoni enithe nayicela, xa nithandaza, kholwani niyifumene,” emva koko bambelela kuyo. Watsho njalo uThixo, ifanele ibe jalo! Amen. Amademoni!

Ukhohlo kuYise, ukhohlo kuNyana,  
Ukhohlo kuMoya oyiNgcwele, bathathu  
kuBunye;  
Iidemoni ziyakungcangcazela aboni bavuke;  
Ukhohlo kuYehova nayiphi into  
yongcangcazela.

Injalo lonto. Owu, bethu! Ngokuqinisekileyo injalo. Yiba nokhohlo kuThixo. Khangela kuYe. Sukushukuma. Hlala khona phaya. UThixo utsho njalo!

<sup>97</sup> Kwaye, iidemoni, zintoni? Ziziqu zikamoya. Ngoku, u—ugqirha uthi, “Unomhlaza. UneTB. Unomlanga. Uneqhenqa. Una *le*.” Lidemoni. Bubomi, kwaye emva koba bomi ngumoya. Bangaphi abaziyo nabanokubona ukuba umhlaza, umlanga, ino—ino. . . Ngumoya, ino—inobomi kuyo. Kulungile, akukhonto ingaba nobomi ngaphandleni komoya, uyabona, ke kufanele kubekho ubomi ukwenza okuya kuphile, ngandlela ithile.

<sup>98</sup> Nkqu nala mthi phaya unobomi kuwo. Yonke inzululwazi ehlabathini ayinakwenza nomcwe wengca. Ingaba ubuyazi lonto? Benza into ikhangeleke njengayo, kodwa abanakho ukufumana intsobo yobomi. Oko nguThixo. Yabona? Wathi uYesu emthini, “Uqalekisiwe. Akunaso nesinye isiqhamo, kwaye akusayi kubanaso nesinye.” Bagqitha kwakhona khona phaya. Kwakumalunga nentsimbi yesibhozo ngala ntsasa. Bagqitha malunga nentsimbi yeshumi elinanye, njengoko babesiya kwisidlo. Wathi uPetros, “Khangela kula mthi, ufile ukusuka ezingcanjini.” Kutheni? UYesu wakhalimela ubomi obabukula mthi, obabusezingcanjini, yaza yonke lonto yafa. Halleluya!

<sup>99</sup> Laa Kristu mnye unakho ukukhalimela umhlaza ukusuka ezingcanjini, kwaye yonke lonto iyakufa. Laa mthi wawumile phaya nje ngohlobo olunye owawunjalo, iiyure ngaphambili, kodwa ufumana amagqabi eqalisa ukuwa, kuze emva koko ubone isiqu siqalisa ukuxobuka. Emva koko. . . Waqalisa ukubona, usuku emva kosuku, neveki emva kweveki, kwaze emva kwethuba kwakungekho nkqu nentwana yala mthi ishiyekileyo. Halleluya! Umhlaza, iqhubu, umlanga, okanye nantoni engenye, kuyafukuneka imke xa uKristu ethetha. Ukhupha iidemoni. Kwaye Wathi, “EGameni laM bayakukhupha iidemoni, bathethe ngeelwimi ezintsha, babambe inyoka ezinobuhlungu, okanye basele izinto ezibulalayo, aziyi

kubenzakalisa. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphiliswa.”

<sup>100</sup> Niyamthanda Yena? Ndiyaxolisa ndinigcine iyure apha ngale mvakwemini, nihleli apha. Niyayithanda iNkosi? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yintoni ezakwenzeka ngoku? Ukuba uyamamkela uKristu njengomphilisi wakho, uze ukholwe entliziyweni yakho ukuba into ethile yenzekile kuwe, kwaye ukholwe ukuba uphilisiwe, ingaba uyakukukholelwa ukuba uphilisiwe? Sukuvumela uMtyholi afake nanye into kuwe. Qhubeka nje.

“Gqirha,” uthi—uthi, “gqirha, ikhangeleka njani?”

Wathi, “Kutheni, isephaya.”

<sup>101</sup> Entliziyweni yakho uyazi, uyazi kwenzeke ntoni. Huh! Into yokuqala oyaziyo, uthi, “Yithi, ingaba kwenzeke ntoni kula nto?”

<sup>102</sup> Emva koko uthi, “Khangela, gqirha, ndizakuxelela. Nantsi eyenzekileyo, uYesu Kristu undiphilisile. Injalo lonto. UYesu Kristu undiphilisile.”

<sup>103</sup> Kulungile, masithobise iintloko zethu nje umzuzu. UMzalwana uWillet, ungeza apha nje umzuzu, mzalwana?

<sup>104</sup> Ngoku, Bawo waseZulwini, sinombulelo ngeNgazi likaKristu. Kwaye mhlawumbi ngaxesha lithile okokuba umkhonzi Wakho, Nkosi, akasebenzisi bulumko, ngokuthetha ithuba elide kakhulu. Kodwa ndingaziva njengoPawulos, owashumayela ubusuku bonke ngobunye ubusuku. Umfo omncinci wawa esuka efestileni waza wafa. Waza laa mpostile, eneLizwi likaThixo ebomini bakhe, waya wabeka umzimba wakhe phezu kwenkwenkwe, ubomi babuyela kuye waza waphila kwakhona.

<sup>105</sup> Thixo othandekayo, ndiyaqonda ukuba ukutshona kwelanga kwalempuncuko inkulu kuyatshona ngoku, kugqithe kakhulu, umbindi wemini uphelile, amathunzi orhatya ayawa. Ukukhanya okuKhulu kuyaqhekeka kusuka kubuKumkani bukaThixo, ukuza kuthatha indawo yako kobubumnyama bukhulu buza emhlabeni. Thixo, ndiyaqonda ndiyaguga zonke iintsuku. Ndindulule, Nkosi. Ndinike amandla. Ndincede ndichaze leNyaniso inkulu ndawo zonke. Sincede, ngomso emva kwemini, ukuba siqonde ngakumbi.

<sup>106</sup> Kwaye, Thixo othandekayo, sikelela esisihlweni sincinci ngale mvakwemini. Ngobubusuku, xa behlanganiselana ngaphakathi ukuza kwinkonzo yempiliso, yanga yonke indoda nomfazi bangahlangana bathethe, kwaye bathi, “Ngoku, nantsi i...andi—andinayo nenye intandabuzo kwakhona. Siyaqonda apho ivela khona ngoku. Siyazi yidemoni. Kwaye siyazi xa imka, kufanele ize ngokokuyalela kukaThixo. Kufanele. UThixo utshilo njalo. Kufanele emke.” Emva koko, banga bangaphuma

bahambe, bevuya, begcoba, bebanga impiliso yabo. Nantoni, sukuvumela nantoni ime endleleni yabo, nanini; hamba nje, ukholwe.

<sup>107</sup> Kwaye, Thixo, langa elibandla lincinci apha, nala mabandla asebenzisanayo, angaba nemvuselelo emva kwalo mhlango, Nkosi, oyakuqokelela, kwaye namaninzi amakhulu emiphefumlo iziswe ebuKumkanini bukaThixo. Siphe oko, Bawo. Anga amadoda nabafazi apha, ukusukela ekunqumlezeni izizwe zonke nezinye iidawo, banga bangathabatha uMyalezo bawuse emabandleni abo, kwaye banga bangaba neyohlobo lwakudala imvuselelo. Siphe oko, Nkosi. Sixolele izono zethu ngoku. Sincede sibe ngabakhonzi Bakho. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>108</sup> Andazi, ngelixa nihleliyo, ingaba kukho umoni esakhiweni namhlanje, angathi, “Mzalwana uBranham, ndikhumbule emthandazweni”? Ungakwenza oko, ungaphakamisa isandla sakho? Ingaba ukhona umntu ongumoni? Andi... UThixo akusikelele, nenekazi. Ukhona? UThixo akusikelele, mhlekazi. Wena, nawe, nawe, uThixo akusikelele. Andazi ukuba wena... Ngoku, oku kuza kuni.

<sup>109</sup> Yabona, andikholelwa ukubuyela esihlweleni. Andibagxeki abakwenzayo oko. Andikholelwa ukuya esihlweleni ukuya kuzama ukutsala umntu othile. Yabona? “Akukho mntu uzayo, ngaphandle koBawo Omtsalayo yena.” Yabona? Injalo lonto. Uyamtsala nje phaya ngaphandle kwentando yakhe. Yabona? Kodwa ukuba uThixo unkqonkqoza entliziyweni yakho, ungoyena mntu usenywebeni ehlabathini. Akwazi nje bangaphi abantu endithethe nabo.



*Ufundo Ngeedemoni – Kwimihlaba Ngokwenyama*  
Juni 8, 1953, Emva kwemini ngoMvulo  
Roberts Park Amphitheater, Connersville, Indiana

*Ufundo Ngeedemoni – Kwimihlaba Yezenkolo*  
Juni 9, 1953, Emva kwemini ngoLwesibini  
Roberts Park Amphitheater, Connersville, Indiana

*Imimoya Elukhlayo*  
Julayi 24, 1955, Kusasa ngeCawa  
Umnquba kaBranham, Jeffersonville, Indiana

Le Miyalezo ngoMzalwana uWilliam Marrion Branham, yaqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, ithatyathwe kwisishicileli mazwi yabhalwa ngesiNgesi ingafinyezwanga. Olu guqulelo lwesiXhosa lwabhalwa lwaza lwasasazwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)



## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)